YIBA NELIZWI LAKHO

UMthetho Sihlomelo oYilwayo waMandla, amaLungelo kunye nokuKhuseleka kwePalamente kunye neePalamente zamaPhondo [B 18 - 2018] (INdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe – icandelo 75).

Isimemo sokwenziwa kweziphakamiso ezibhaliweyo

IKomiti eKhethekileyo yoKhuselo kunye noBulungisa imema abachaphazelekayo kunye nabantu abanomdla ukuba bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo ngokunxulumene **noMthetho Sihlomelo oYilwayo waMandla, amaLungelo kunye nokuKhuseleka kwePalamente kunye neePalamente zamaPhondo** [B 18 - 2018] (INdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe – icandelo 75)**.**

UMthetho Sihlomelo oYilwayo waMandla, amaLungelo kunye nokuKhuseleka kwePalamente kunye neePalamente zamaPhondo [B 18 - 2018] (INdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe – icandelo 75) ifuna phakathi kweminye imicimbi ukuba:

- **Kuhlonyelwe uMthetho waMandla, amaLungelo kunye nokuKhuseleka kwePalamente kunye neePalamente zamaPhondo, 2003, ukwenzela ukuba kuhlonyelwe inkcazelo;**
- **Ukubonelela ngokubanjwa nokukhutshwa kwelungu, ngokomyalelo wamaGosa oNgameleyo, xa umntu othile ebangela ukungalawuleki nokuphazamisana neenkqubo kumda nalapho kungahambelaniyo nobulungu;**
- **Ukubonelela ngokuba iPalamente yePhondo ingakhetha ukuba imisele ikomiti esisigxina okanye imisele *ikomiti yethutyana* ukuba yohlwaye ngokusesikweni ilungu elo lePalamente yePhondo ngokudelela lo Palamente yePhondo;**
- **Ukubonelela ngokuba uSomlomo wePalamente yePhondo abenamagunya okongamela nokulawula kulo mda walo palamente yephondo.**

Iziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zifumaneke ngaphambi komhla we**- 09 kweyeNkanga 2018.**

Izicelo zokufumana iikopi zoMthetho oYilwayo, iziphakamiso ezibhaliweyo kunye nemibuzo kufuneka zithunyelwe ngqo kuMnu G Dixon, iKomiti

eKhethekileyo yoKhuselo kunye noBulungisa, 3rd Floor, Office 133, 90 Plein Street, Cape Town, 8001 okanye kule dilesi ye- emeyile gdixon@parliament.gov.za okanye kwifeksi-086 658 9371.

Ikhutshwe ngohloniphekileyo uSG Mthimunye, ILUNGU LEPALAMENTE, uSihlalo: weKomiti eKhethekileyo yoKhuselo kunye noBulungisa.